Isalathiso: 20201009-8656
Inombolo yefayili: 13/2/3
Imibuzo: KuBaquuquzeleli boVavanyo beziThili

ISetyhula: 0033/2020
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke neSatifikethi seMatriki

Isishwankathelo esifutshane: *limfuno ezimiselweyo ezihlaziyiweyo zokubalwa kokugqibela kwamanqaku ezifundo zeBakala 10 no-11 ngo-2020.*

Isihloko: limfuno ezimiselweyo ezihlaziyiweyo zezifundo zeBakala 10 nele-11 ngo-2020

1. limfuno ezimiselweyo zokupasa kwiBakala 10 no-11 zicaciswe kuxwebhu lomgaqo-nkqubo, i-*National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades, R –12* (*NPPPR*), njengoko lupapashiwe kwi-*National Curriculum Statement Grades R–12, kwi-Government Notices No.* 722 no-No. 723, nakwi-*Government Gazette* No. 34600 ye-12 Septemba 2011.

2. Ngenxa kabhubhane i-*Covid*-19 kunye nokuphulukana nexesha lokufundisa, iSebe leMfundo esiSiseko (*DBE*) likhuphe iSetyhula S7 ka-2020**,** yomhla we-12 Septemba 2020 efakela izilungiso kwiimfuno ezimiselweyo zokubalwa okokugqibela kwamanqaku ezifundo zeBakala 10 ne-11. Ezi zilungiso zifakelweyo **zisebenza kuphela ku-2020**.

3. Izilungiso ezifakelweyo ezichaziweyo ukwenzela u-2020 zezi zilandelayo:

INo	***UMgaqo-nkqubo oyintsusa***	**UMgaqo-nkqubo ka-2020 (ngokweSetyhula S7 yeSebe i-*DBE*)**
a	*Umlinganiselo wokubalwa kwamanqaku e-School Based Assessment) (SBA):KuViwo ngu-25:75*	*Umlinganiselo wokubalwa kwamanqaku* e-***SBA*:kuViwo** ngu-**60:40**

b	*Umsebenzi woVavanyo lwePrakthikhali (Practical Assessment Task) (PAT) ubala i-25% yamanqaku okugqibela*	*I-PAT* ibala *i-***20**% yamanqaku okugqibela. (okt. *SBA*: *PAT*: KuViwo ngu-60:20:20)
c	*Ii-Orali kwiilwimi zibala u-12.5% wamanqaku okugqibela*	Ii-Orali kwiiLwimi: ngu-12,5% wamanqaku okugqibela (*uLwimi lweenkobe noLwimi oLongezelelweyo lokuQala*) (*Home Language and First Additional Language*) no-25% (*Second Additional Language*) kufuneka zabelwe ii-orali. *I-SBA*: kwi-Orali: kuViwo ngu-60:12, 5:27,5 (*HL* no-*FAL*) ne-60:25:15 (*SAL*)
d	*Uvavanyo lokuphela konyaka luviwo olugqibeleleyo.*	Uvavanyo lokuphela konyaka kufuneka lube luvavanyo olubekwe esweni (*controlled test)*.
e	*Uvavanyo lokuphela konyaka lusekelwe kumsebenzi weekota zone.*	Uvavanyo lokuphela konyaka kufuneka lube luvavanyo olubekwe esweni (*controlled test)* ukuquka umsebenzi wazo zonke iikota, apho kunokwenzeka.

4. Uvavanyo olubekwe esweni (*controlled test)* lokuphela konyaka kufuneka:
   a) lusetwe kwikhontenti yesifundo efundiswe kubo bonke abafundi.
   b) lulandele imigangatho emiselweyo malunga nekhontenti yesifundo eyenziweyo kunye namanqanaba obunzima. Ukuphangalala kokuqonda kwengqondo kovavanyo olubekwe esweni (*controlled test)* kufuneka kulandele imigqaliselo yesifundo ngasinye njengoko ishwankathelwe kwiKharityhulam eFinyeziweyo (*Abridged Curriculum*) njengokuba kuchaziwe kwiSetyhula 0018/2020, yomhla we-03 Agasti 2020.
   c) malubhalwe phantsi kweemeko ezingqongqo zolawulo.
   d) malulandele iiprothokholi ze-*Covid*-19 ukwenzela iimvavanyo ezimiselweyo (kunxitywe iimaski, kuqelelwane ngokomzimba yaye makuhlanziswe izandla).
   e) malulandele iiprothokholi zaphambi nasemva kokumodareyithwa ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigangatho.

5. Izifundo ezingundoqo *(Fundamental subjects)* (iiLwimi, iMathematika, ne-*Mathematical Literacy*) ziya kubonelela ngenani eliyimfuneko lamaphepha acuthelwe ixesha elimiselweyo.

6. Zonke ii-*elective subjects* kufuneka zicuthe inani lamaphepha zibe luvavanyo olubekwe esweni (*controlled test) olu*nye ngesifundo ngasinye.

7. Ixesha elimiselweyo leemvavanyo ezibekwe esweni zeBakala 11 limele ukuba ziiyure ezimbini, yaye ziqulathe iikhomponenti zawo omabini amaphepha, apho kusebenzayo oku.

8. Ixesha elimisiweyo leemvavanyo ezibekwe esweni zeBakala 10 limele ukuba yiyure enye, yaye ziqulathe iikhomponenti zawo omabini amaphepha, apho kusebenzayo oku.

9. Akukho zimvavanyo okanye zimviwo zifanayo (umz. kwisithili okanye kwizikolo ezisebenzisanayo , njl-njl.) eziza kuqhutywa kwiBakala 10 no-11.

10. Ukuba isikolo sinqwenela ukuqhuba inkqubo yoviwo olupheleleyo *(full-scale examination*), kufuneka sazise umlawuli wesithili ukufumana imvume yoku ngokuxhomekeke ekubeni ulandelwa mbo umlinganiselo wokubalwa kwamanqaku ngesifundo ngasinye kwakunye neemfuno ezimiselweyo zokudlulela kwesinye isigaba nezokupasa ezicaciswe liSebe i-*DBE* ukwenzela u-2020.

11. ISebe i-*DBE* libonelele ngoxwebhu: ***Guidelines on the Revised Promotion Requirements, Grades 10 – 11)***, oluhamba nale setyhula.

12. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile setyhula kubo bonke ootitshala nakubaviwa kwisikolo sakho ukuze bakuthathele ingqalelo kwaye kucelwa wazise abazali ukuba olu tshintsho lusebenza ku2020 kuphela.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-10-16